

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



ABALIMI BANE GANELO elikhulu ngaphezu kokutya abakulimayo

ABALIMI ABALUNGILEYO BALIMA INTAPHALALA YOKUTYA OKUNIKA IMPILO KUNYE NEZINYE IZINTO EZININZI EZIXABISEKILEYO. ABALIMI BANENKATHALO NGOMHLABA, BALONDOLOZA UBUTYEBI BAMANZI NENDALO YASENDLE NGOKUNJALO BANGABAKHATHALELI BENDALO NGOKUBANZI.

Abalimi banendima ebalulekileyo ebomini boluntu. Ndilikhkenketho ngokubanzi ilizwe ndadibana nabalimi abaninzi ukususela ngoko ndabandakanyeka kuPhuhliso IwabaLimi IwaseGrain SA. Kukho into efike yazinza engqondweni yam, ukumangaliswa yindlela uninzi

Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imyili apha jennymathews@grainsa.co.za



Iwabalimi lubazibandakanya ngayo kuluntu Iweendawo zabo ngeendlela ngeendlela, abalimi baphinda banikele abakufumeneyo, bayaxhobisa, bancedise ... ngokubanzi benze umahluko ebomini babanye abantu nakwimpilontle yabo.



AMAZWI AVELA... kuDerek Mathews

QELA LEPULA IMVULA LINCOKOLE NOSIHLALO OSANDUL' UKUNYULWA WASEGRAIN SA, UDEREK MATHEWS. SIMBUZE UKUBA KUTHENI ECINGA UKUBA ABALIMI BAFANELE UKUZIMANYA NOMBUTHO OFANA NEGRAIN SA. UPHENDULE WENJENJE: 'NGOKU, NGAPHEZU KWALO NALIPHI NA IIXESHA LANGAPHAMBILI, KUBALULEKE KAKHULU UKUBA SINGAZIMANYI KUPHELA, KODWA SIBE NENXA-XHEBA KWIMISEBENZI YASEGRAIN SA!'

Okokuqala, ndivumeleni ndithathe eli thuba ndidilulise imibulelo yam kubo bonke abalimi baseGrainSA ababonakalise ukundithemba ngokundibeka njengoSihlalo wabo omtsha kune noRamodisa Monaisa ngokunjalo noRichard Krige njengoosekela. Ndijonge phambili kwithuba lenkonzo yam yefofisi nakuyo yonke imingeni esiza kujongana nayo sonke. Siphila kumaxesha 'ahlukileyo'. Ixesha lepolitiki ebbhidayo nexhalabisayo libangela inkxalabo. Phezu kwaloo mingeni kuphinde kugqube ubhubhane we-hlabathi oze necoronavayiras - kulula kakhulu ukonganyelwa kuko konke oku. Kodwa nangoku ... thina njengabalimi nabavelisi bokutya, sisafanele ukuqhuba ngemisebenzi yethu yemihla ngemihla - kuba siyazi ukuba ku-funeka senze njalo ukuze siphile.

Unini Iwethu alukwazi kuhlala lungaphangeli - ngenxa yokuba silihla emsebenzini. Ngoko ke, sifanele ukwenza kangangoko sinakho ukugcina iintsapho zethu nabasebenzi bethu bekhuseleke kangangoko. Phakathi kwayo yonke ingxolo ekhoyo ngoku malunga nevayiras, nceda uwathathelo ingqalelo ngokuqaphela amacebiso anikwa ngosomagunya silandele nezikholoko ngokuqaphela ukuze sibe yinxalenye yesisombululo singabi yinxalenye yengxaki.

Kwakhona sijongene nexesha elitsa lokuvuna kwaye sinombulelo ngenxa yexesa lehlobo elihle nangethemba lesivuno esihle. AbakwaGrain SA baza kugqalisela ngokucace bha ekufameni okunozinzo nesakhono senzuso ukuya phambili kwikamva. Ndiyazi ukuba kunzima kangakanani ukuba abalimi bethu beenkozo bagcine amashishini abo ephila ngenxa yamaxabiso aphezulu kangako eemveliso zamalungi-selelo kodwa amaxabiso eenkozo abe wona ephantsi kakhulu. Ukuba asikwazi kugcina ubomi bozinzo ngokulima izityalo, ngoko ke sifanele ukwenza okunye okwahluyleyo.

Maze nincede niqiniseke ngokuba iGrain SA ikhona ukuze incedise ngazo zonke iindlela enokwenza ngazo. Ziingxaki esizaziyo kuphela esinokukwazi ukuzisombulula. Ngoko ke, kuxhomekeke emntwini ngamnye kuthi ukuyigcina iGrain SA ifumana ulwazi ngokuba yeyiphi imingeni esiqubisana nayo. Sininqwenelela amathamsanqa kwixesa lokuvuna. Umnqweno wam kukuba nizonwabele iziqhamo zemisebenzi yenu yeli xesha lokulima. ■

Abalimi baneganelo elikhulu...

Akukho mntu unokuphila yedwa ngokwesiqithi – kwaye makungabi namntu ondixeleta ukuba abalimi basebenzela bona bodwa. Iminikelo eyenziwa luluntu lwethu lwabalimi isusela ekwakhewi kweecawa nezikolo, ukuya kulondolozo lweentlanti zeenkomu zoluntu neendawo zonkenccesho, ukunika inkxaso kwiiklabhu zebhola ekhatywayo kanti omnye umlimi eMpuma Free State ebeqhuba neklabhu yomdlalo wamanqindi ukuze anike ulutsha into olunokujonga kuyo ngeempelaveki. Abalimi banendima ebalulekileyo phakathi kwamaqela oluntu lwabo.

UMGCINI WOMHLABA

Ukuba ngumgcini kuthetha ukuba ngumkhathaleli. Indawo yokuqala umlimi enza umahluko kuyo ngumhlaba. Abalimi banoxanduva lokusebenzisa ubutyebi bomhlaba abawufumanayo, ngendlela enozinzo nenobulumko. Ukusebenzisa nantoni na ngendlela enozinzo kuthetha ukuba umsebenzi owenziwa emhlabeni uya kukwazi ukuqhutywa ukususela kwisizukulwana esithile ukuya kwselandelayo. Umzekelo, kuya kuba kukucingela kufutshane, ukunyoluka nokungabi nangqiqo ukuncanca igazi lobomi bomhlaba kodwa kuba kungekho nto ibuyiselwa kuwo. Oku kuthetha ukuba kabalulekile ukukhathalela imihlabu ukuze ukwazi ukuqhuba ngokukhupha ukuya kweminyaka eminanzi ezayo.

Akukho mlimi unokulima isityalo emva kwesinye ngaphandle kothaththa iisampulu ezihlalutywayo ngokunjalo afake izichumiso, alime nezityalo zokutshintsha okanye asebenzise ujikeleziso lvezityalo ukuze aphucule impilo yemihlabu. Abalimi benene bayawukhathalela umhlaba ukwenzela namhlanje nangomso. Abalimi abasebenzi njengooosomashishi banamhlanje kuphela, kodwa baziimboni zangomso. Bangamago-sa omhlaba afanele ukufumanisa iindlela zokwenza amanye amalungu oluntu, ngakumbi ulutsha oluya kuba ngamagosa ekamva, ukuba abe nenkathalo ngokusingqongileyo.

ULIMO LUNAKHO UKOMELEZA UQQOSHO LWELI LIZWE

Abalimi banikela ngokutya, iintsinga namafutha okubaselwa kwindawo yeentengiso; kodwa baphinde badale imisebenzi yabasebenzi basefama bamaxesha athile abajika bachithe imali yabo ngokwenza njalo bomeleze imiba yoqoqosho lwendawo yabo.

Ndikholelwka ekubeni sifanele ukubona imisebenzi etha kratya yokufama kweli lizwe iphindie yavuka kwakhona. Xa ndisitsho ndithetha ukuba wonke umntu onofikelelo emhlabeni unakho ukuwusebenzisa akhuphe ukutya kuwo ukwenzela usapho lwakhe nokuthengisa okuseleyo ukuze afumane inzuso. Enyanisweni sonke sifanele ukulima imifuno ngamaxesha athile ukulungiselela amakhaya ethu. Kuluisi ukuba imida yenzuzzo icinezeleke kakhulu kangangokuba kwamanye amatsheyini omsebenzi wolimo uphelele, abalimi abaninzi bade bathi imizamo eyenziwayo ayinancedo.

Abanye bathi bathenga ilitha yobisi ngemali ephantsi ngakumbi kunkugcina inkomo isempilweni entle, ukuyondla nokuyisenga yonke imihla. Kanti kwakhona kunzima ukukholelwka ukuba kwithuba elide bekusoloko kuneendleko eziphantsi ukuthenga inyama yenkuhku kumazwe angaphandle kunokuzikhulisela iinkukhu ekhaya. Ukuba ezo nkukhu bezikhuliswe apha, isondlo besiya kuthengwa kubalimi bethu ngokunjalo namathuba emisebenzi adaliweyo ebeya kufunyanwa ngabantu bethu. Ishishini leenkukhu kune nenxaso yaseGrain SA, sekulithuba likhankasela lo mbandela kodwa ngoku sinethemba lokuba kuza kwensiwa iinguquko malunga noku ngokukhawuleza okukhulu.

Sifanele ukwakha amaqla oluntu lwasemaphandleni aphaphamileyo kune nemisebenzi yolimo efanele ukuba ligazi lobomi. Oko kunokwenzeka kuphela xa okuthengwa ngaphandle ngexabiso eliphantsi kungakhuphisani

namaxabiso abalimi beli lizwe. Sinqwenela ukubona uMzantsi Afrika osemaphandleni uhlohlake ngabalimi abaninzi abakhuthazeke ngakumbi kwaye sifanele ukukhuthaza ukwanda kofikelelo ekutyeni okunempilo okulinywe kweli lizwe. Ubukho bokutya kweli lizwe kugcina iirandi neesenti kuqoqosho lweli lizwe.

Umsebenzi wokufama awukho malunga nokufamela ukurhweba okukhulu, uphinda ube malunga nokwenza umahluko kwinqanaba lokondleka kwasekhaya nokwaseluntwini. I-Grain SA ikholelwa ekuben ubukhulu befama abunamsebenzi – sincedisa wonke umntu onofikelelo emihlabeninofuna ukufunda ngokuthe kratya ngokulinywa kweenkozo ngendlela echanekileyo. Sinenjongo yokuncedisa abalimi ukuba bafumane ezona zivuno ziphezulu zinokufumaneka ngehektare nganye. Akukho sizathu sokuba abalimi abalimela ukuziphilisa bangakwazi ukulima kwazona ezo toni ngehektare njengabalimi abalimela ukurhweba – iinkqubo mazeziwe ngokuchanekileyo kwaye ngexesha elifanelekileyo.

ABAMELI BOLIMO

Ummeli yintshatsheli, ngumntu ovakalisa iimbono zakhe nozondelela okuchanekileyo nokulungileyo. Baninzi abalimi abakwamkeleyo uku-hluthwa kwabo amandla, babe bengakwazi kuzithethelela. Kungako kubaluleke kumlimi ngamnye ukuba azimanye nombutho wabalimi ofana neGrain SA. Uyakwazi ke ngoko ukuthetha nabaphathi bombutho malunga nemibandela emxhalabisayo.

Ngumsebenzi weGrain SA ukuqinisekisa ukuba akhona onke amathuba okuba abalimi beenkozo baphumelele. Ukuze bakwenze oku bafanele uku-landela umgangatho weemveliso zamalungiselelo, ukuqwalasela iinkqubo zemozulu, ukuqhube uphando nophuhliso kune nokulandela izifo kune nezidalwa ezonakalisa izityalo ezinokuchaphazela izityalo zethu. Basoloko bethetha norhulumente malunga nemigaqo-nkqubo abanqwenela ukuba itshintshwe okanye isetyenziswe. Ukuba wena njengomlimi akuxoxi ngemibandela yakho nabameli, baza kuyazi njani abafanele ukuyilungisa ekhathaza wena? Ndiyazibuza ukuba kutheni lingandi inani labalimi abakhalaza ngokuthe kratya 'baphakamise' isishini elibonisa impilo namandla lenyama yenkuhnu neyehagu kweli lizwe? Cela into oyifunayo. Xa izinto zingaqhubi kakuhle, zibandakanye kwiinkqubo ezinesakhono zokuzilungisa. Ufanele ukuba yinxalenye yesisombululo uqinisekisa ukuba umsebenzi wokufama licandelo eliphaphileyo eliphucula ubomi babantu basemaphandleni.

UJohn Donne wathi, 'Akukho mntu unokuphila yedwa ngokungathi sisigithi esizimeleyo; wonke umntu uyinxalenye yelizwekazi, inxalenyeyokupheleleyo...' Sonke sihangene kwaye sinoxanduva malunga namaqela oluntu ethu esiphila nawo. Njengabalimi sibizelwe ukuba nendima ebalulekileyo njengabavelisi bokutya – ngakumbi ngoku ukuya kwixesha elizayo. Njengokuba sikwisiqalo sembuqe kabhubhane ombi kangaka weCovid-19 okanye icoronavayiras, sekucace gca ukubaluleka



Imveliso yelizwe yomeleza uqoqosho lwelizwe.

komsebenzi wethu njengabalimi bokutya okuzinzisa ubomi nesikulima emihlabeni yasekhaya. Balimi, kufuneka siphakamise uqoqosho oluphuculweyo lweli lizwe ngokulima ukutya okuqinisekisa ukuba sifumana inzuso ngokulima ukutya okuthe kratya ngokunjalo sibe nenxaxheba kumatsheyini amaninzi omsebenzi wolimo. Ngaxeshanye akulunganga kwaphela ukuthi uMzantsi Afrika ulima ukutya okwanele bonke abantu bawo (nto leyo okwenzayo) – sifanele ukuthetha sifune ukuba izisombululo mazifumaneka ukuqinisekisa ukuba ukutya kuyafikeleka kwaye kuyathengeka kubo bonke abantu, kuquka noyena usweleyo kwabasweleyo. Umlimi emnye njalo, baninzi abo batya iziqhamo zomsebenzi wakhe. ■



*A clear vision, backed by definite plans,
gives you a tremendous feeling
of confidence and personal power.*

~ BRIAN TRACY



Gcina umgaqo wolawulo olungeleleneyo

K OLU THOTHO LWAMANQAKU, SIOWALASELA ULAWULO LWEFAMA. UKUHLAZIYA IINKUMBULO ZAKHO – IINKALO EZAHLUKA-HLKILEYO ZOLAWULO LWEFAMA EZIKUKULIMA, UKUTHENGINASA, ULAWULO LWEMALI, ULAWULO LWEMISEBENZYEOFISI, ABASEBENZI, UBUDLELWANE BOLUNTU, ULAWULO LWEMPAHLA YEXABISO NOLWEMPAHLA EGCINIWEYO KUNYE NOLAWULO NGOKUBANZI OLUFANA NEMPILO KUNYE NOKHUSELEKO KWINDAWO YEMPANGELO.

Nangona ezi nkalo zingasentla zikhankanywe ngokuzahlukanisa, zona ziinkalo ezinxulumeneyo kanti naxa usaxakeke ngolawulo (ucwangcise-lo, ulungiselelo, impumezo kanye/unxulumaniso) lwenkalo enye mhlawumbi ngaxeshanye uxakeke ngolawulo lwenye inkalo ethile okanye ngezinje iinkalo. Umzekelo, uthi usaxakeke ngolawulo lomsebenzi wokwenniwa kwermveliso ube mhlawumbi uxakeke ngolawulo lwemali, leyo yimba yogxiniso kweli nqaku.

Ukuze ube ngumlimi onempumelelo ufanele ukwenza inzudo kwithuba elide lexesha ngokufama ngendlela enozinzo. Ngokufutshane, oku kuku-thi yiba nenkathalo ngokusengqongileyo nangeminye imithombo yoncedo yeshishini lakho ngokusebenza imigaqo yokufama ngolondolozo. Imigaqo yokufama ngolondolozo sisihloko esifaneleke kakhulu kwixesa langoku kwaye amanqaku afumaneka kuzo zonke iintlelo zopapasho zolimo. Khumbula, inzudo ithetha ukuba zonke iinkcitho zakho (kuquka iinkcitho zabucala) zifanele ukuba nganeno kwingeniso yakho yakho ngethuba lonyakamali okanye masithi, inzudo = ingeniso - iinkcitho. lindleko zihlelwa njengeendleko ezisisigxina, ezokuqhube umsebenzi nezokwenniwa komsebenzi wokulima imveliso. Kuqheleke ukuba ugxiniso ubukhulu becalalube sekunciphiseni iindleko zeemveliso zamalungiselelo logama iindleko zokuqhube umsebenzi nezisisigxina zinganikwa ngqalelo ingako.

Kumanqaku angaphambil, sixoxe ngeendlela nangemigaqo yokwandi-sa ingeniso nokunciphisa iindleko ukwenza inzudo. Kodwa kukho izithintelo ekuncitishwensi kweendleko, ngakumbi iindleko zamalungiselelo. Kwinkalo yemali unokunciphisa iindleko zamalungiselelo zakho ukuze ukwazi ukwenza inzudo, kodwa ungade ufilelele kwiqondo apho isivuno seemveliso zakho sichaphazeleka ngendlela engafunekyo. Ngokwenkalo yolawulo lomsebenzi wokulima imveliso, unokusebenza iimveliso zamalungiselelo eizithe kratyngokuthi kraty, ngokwesiqhelo ngezo ndleko ziphezulu uphucula isivuno, kanti ungafikelela kwinqanaba apho isivuno esiphezulu singafuni zindleko ziphezulu zamalungiselelo. Ezi meko zimbini ziqinisekiswe ngophando kwaye zisebenza nakoluphi uhlolo lokufama. Oku kuchaphazeleka kuboniswa nge-gophe lemveliso (**Igrafu 1**).

Kudingeka iingxelo ezifaneleleko ukuze kubekho igophe leemveliso elilolo hlobo. Kwiqondo elingu-A kusetyenzisa iimveliso zamalungiselelo

Marius Greyling, Umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha mariusg@mca.co.za



ezincinane kakhulu kananjalo nesivuno siba phantsi, kuze kubekho nela-hleko. Kwiqondo elingu-C kusetyenzisa iimveliso zamalungiselelo ezinini kuze kubekho ukwanda okuncinane kwisivuno esihambelana neendleko eziphezulu zomsebenzi wokulima imveliso. Ngoko ke, phakathi kwezi meko kukho inkalo apho unokufumana eyona nzozo iphezulu – iqondo elingu-B. Ukuzabalazela esona sivuno siphezulu ngenjongo yokufumana ezona nzozo ziphezulu asingomgaqo ufanelekileyo. Lo mqaqo – wesivuno esisesona siphezulu – uya kusoloko unobungozi kumthombo woncedo omnye okanye nangapezulu, ofana nomhlabo, amanzi okanye indawo yokutyisa kanti awuzange waba nozinzo kwithuba elide.

Umgaoqo ogheleke kubalimi kukusoloko bezama ukuphucula umsebenzi wefama xa kuthelekisa nowonyaka odululileyo ukuze kwande iinzudo, umzekelo ngokufumana amaxabiso athande ukuba phezulu. Ngelishwa, ubukhulu becalal abalimi bangabamkeli bamaxabiso. Nangona kunjalo, ngokwandisa isivuno ngokweyuniti yokulima imveliso/iimveliso zakho nangokunyusa umgangatho wemveliso/weemveliso zakho onokuwufuma ukuze kuphucuke amaxabiso.

Uphando olwentiwe nguHughes no-von Broembsen njengoko lupaphshe kwiFarmer's Weekly yama- 22 kuFebruari ngo-2019 malunga netsheyini yeendleko yesiqhelo yeziqhamo zesitrasa ukususela kumlimi ukuya kumthengi luqinisekise ukuba isivuno kune nomgangatho wemveliso zinefuthe kwiinzudo zefama ngaphezu kwawo nawuphi na omnye umbandela. Ngethuba elifanelekileyo lokulgisa, kucingeleka ukuba oku kuya kusebenziseka kuzo zonke iintloblo zemisebenzi yokufama. Yomibini le mibandela ubukhulu becalal, iphantsi kolawulo lomlimi kwaye yalatha impumelelo okanye intsilero yeshishini lokufama. Ngokuxhomekeka kwimveliso/kwiimveliso zakho, yongeza kule nkxaso inokuthenja kwaye ungazifumela imali eyongezelekileyo phezu kwexabiso eliqhelekileyo. Naxa kunjalo, oku kutetha ukuba abalimi mabangakhathazeki kakhulu ngamaxabiso kodwa mabaphucule ulawulo lwabo lokuelisa imveliso.


Imfezeko yokwenniwa komsebenzi wokulima sisitshixo ekwalathweni kwersakhono senzuso. Njengoko umlimi enolawulo oluthe kraty phezu koku kunaphezu kweendleko nokubekwa kwamaxabiso, le nkalo ifanele ukuqhutwyu ngokubekwa phambil. Abalimi ke ngoko, bafanele ukuzabalazela isakhono sokufumana inzudo ngokuphucula imfezeko yokwenniwa komsebenzi wokulima – isivuno, umgangatho wenkxaso nokuthembeka kwayo. Kodwa, kwakhona mabazabalaazele ukunciphisa iindleko zabo njengoko bekuchaziwe kumanqaku angaphambil.

Khumbulani njengabalimi ukuba nidlala umdlalo wemali kanti inzulwazi iphelelo ayisayi kuba nancedo ukuba ayisetyenzisa ngokuchanekileyo. Ifuthe lemalii kwiziqqibo ezimalunga nolawulo malisoloko liphenjelwelaw ziziqqibo ezifaneleleko malunga nemali. Zonke iinkalo zolawulo zinonxuluman, enye kwenye kanti zonke zineempembelelo ekwenziweni kweenzudo ezinozinzo. Ukuba uqwalasela ulawulo lwemali kakhulu oko kungenzeka kwenzakalise ulawulo lokwenniwa komsebenzi wokulima kananjalo naxa kusenzeka okuchasene nako. Kanti xa unokuluqwalasela kakhulu ulawulo lwakho lwemfezeko yokwenniwa komsebenzi wokulima kungenzeka oko kwenzakalise inkalo yakho yemali (inzudo).

Isifundo – gcina umgaqo olungeleleneyo kulawulo lweenkalo ezahluka-hlkileyo zolawulo lweshishini lakho – yiba ngumlawuli weshishini.

1

Igophe elibonisa iimeko ezimbini kwimveliso.



4

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

Ukuphinda uhlobo LWENKQUBO YAKHO YEZICHUMISO emva kwesivuno esikhulu

XESHA LEZITYALO ZEKHESHI LANGO-2019 UKUYA KU-2020 LIPHAWULEKA KWIINDAWO EZININZI ZOLIMO, NGEEMBALA EZIBAMBEZELE UKULINYWA KWEZITYALO NGEXESHA ELIFANELEKILEYO. ZIKHONA IINDAWO EZIFUMENE IIMVULA NGEXESHA LESIQHELO NGOKO KE ABALIMI BALIME ZONKE IZITYALO ZABO NGEXESHA UKUZE ISIVUNO SIBE SESONA SINCOMEKAYO SINOKUFUMANEKA.

Iimvula eziqhuba ngokuna kwithuba lokukhula kwesityalo ziya kuba nesiphumo esingaphaya ksesiqhelo kanti kwezinye iindawo kukho izityalo eziya kwaphula irekhodi njengombona, iimboty zesoya, oojongilanga kunye nezinye izityalo. Amadlelo asisixina kunye nalawo onyaka ngamnye engca yodidi lvesondlo aya kuchuma ngaphezu kwengca eqhelekileyo nezivuno zokutya okuyimbewu.

Ezinye iindawo zilime kuphela kwithuba lasekupheleni kuka Novembra nasekuqaleni kuka Disemba. Nangona ezi zityalo bezikhangeleka zinesakhono esiphezelu sesivuno ngo Februwari nango Matshi ngo-2020, izivuno eziya kufumaneka ekugqibeleni ziya kuchatshazelwa kukusilela kobona bushushu bufunekayo. Kwakhona izivuno ziya kuchatshazelwa kakubi ngamathuba amade eemeko zemozulu eziswele imitha yelanga eyiyona ifunekayo. Kanti okunye okungalunganga kukuchatshazelwa kwezivuno kakubi ngamathuba amade eemeko zemozulu ezisibekeleyo ezifumaneka kwiindawo ezithile ngethuba elibalulekileyo lokuhloleka kweenkozo zesityalo.

UKUHLOLA INKQUBO YAKHO YEZICHUMISO NESIVUNO SASEKUGQIBELENI

Emva kweziqhelo ezahluka-hlukayo zokuna kwemvula kunye neembalea ebezikhо kwiminyaka emihlanu edlulileyo, abalimi kwiimeko ezininzi banciphiise inkqubo epheleleyo yezichumiso ecetyiswa malunga nokufumana ezona zivuno ziphezulu. Oku kunciphisa umngcipheko wemali yokulima izityalo kodwa xa unyaka unemvula entle kusenokunqaba izondlo kwimveliso zamalungiselelo size singafumaneki isivuno esisesona siphezulu. Ukunganeli kwenitrogen ngexesha lokuryala okulandelwa kukukhukuliseka kwezondlo ezikwisichumiso ebefisakwe xa kutyalwa kubonakele emasimini ombona kwinyanga ka Februwari neka Matshi ngo-2020. Unqongophalo lwsulphur lunokuhlanganiswa kunye nokunqaba kwenitrogen xa kubonakala amaggabi emthubi phambi kokuvuthwa kwasekuggibeleni.

Inkqubo yokuchumisa kwintsimi nganye nangesityalo esilinyiweyo ifanele ukuhlolwa ngokuqaphela emva kokuvunwa kwesityalo ngo-2020.

Ukuba uvune isityalo esikhulu ngokungaqhelekanga kulo nyaka amava abonise ukuba kweminye imihlabu uya kubona amanqanaba okuchuma anganeno ngenxa yokulahleka okukhulu kwezondlo kwixeshwa lokulima elizayo. Imihlabu ethile ekulinywa umbona kuyo nenesakhono esiphakathi inokukhupha iitoni ezimbini okanye ngaphezulu ngaphaya kwezona zivuno zibalaseleyo ezakhe zabakho.

IZALATHISI EZITHILE EKUCHONGWENI KWESISOMBULULO

Abalimi abalungileyo bayo kwenza imigqaliselo ebanzi yenqubo yokuhula ukususela ekutyaleni ukuya ekuvuneni.

Eminye yemiqondiso yonqongophalo oluphambili ekunokwenzeka ukuba uyibonile kwisityalo sakho sombona malunga neziqalelo zezondlo ezingundoqo ezithile zishwankathelwe ngezantsi:

I-phosphorus

Ibala elingaqhelekanga eliluhlaza obunzulu okanye elimfusa emaggabini ezityalo eztsha kuze oko kubangele amaqhuhuvana kunye nezikhondo ezibhityileyo ngokunjalo nokwakheka okunciphayo kwezikhwebu.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi



I-nitrogen

Ukuba mthubi kwamaggabi futhi izityalo azikhuli zifikelele kubukhulu besiqhelo, okanye ukunqaphela, okuqala kubonakale emaggabini amadala ngepateni equtyudiweyo kanobumba ongu-V esiphakathini seqgabi kwathile okanye amadala. Kuye kwacaca kwamanye amasimi ombona aqwelaselwe kweli xesha lokulima. Izityalo ezinezikhwebu ezihlanu nazozilahlekelwe zezinye zade zasala nezikhwebu ezihibi okanye ezithathu zobukhulu obushiya-shiyanayo. Zibuze ngesizathu!

I-sulphur

Kubangela ibala elingeluhlaza nciam okanye izityalo eziijke zamthubi nokukhula okungenzeki kakuhle. Nangona kubhidaniseka lula nonqongophalo lwenitrogen, iintsileo zesulphur ziqala zibonakale emaggabini asematscha xa kuthelekiswa nenitrogen echaphazela amaggabi amadala.

I-potassium

Kubonakala emaggabini amadala ngokujika kwawo abe mthubi nokufa kwamaggabi emingciphekweni.

Kucetyiswa ukuba uqwalaselie iisampulu zomhlaba ezidlulileyo zamasi-mi akho uze uzithelekise nokusetyenziswa kwezichumiso okucetyiswayo malunga nesivuno ekugqaliselwe kuso xa kuthelekiswa nesichumo esisesona sifakwe xa bekutyalwa okanye umaleko ongaphezulu kunye nesivuno esisesona sifunyenweyo.

Kucetyiswa kakhulu ukuba uvavanye amaqondo esulphur nokuse-benzisa inkqubo yezichumiso kunye nomdibaniso wenitrogen nesulphur kwisityalo sakho esilandelayo.

Okutsala umda kulo nyaka kukuba kwiziganeko ezininzi umdibaniso onguwo kulawulo lwezityalo, ukuchuma, ukufakwa kwezichumiso, isakhono somhlaba, imeko yomhlaba, imijikeleziso yezityalo yangaphambili, imihlanganisela esetyenzisiweyo neminye imibandela enika ithemba ukubonisa wena ukuba umyinge ophezulu wesivuno sesityalo sombona ungaba ngakanani kwimihlabu ethile.

Kwimeko efanelekileyo i-pH ifanele ukulungiswa ngolwalamanolu-fanelekileyo lwe calcium nemagnesium kunye nemo yephosphate yakho ukuya kwiinxalenye ezingaphezu kwezingama-25 obona buncinane ngesigidi ngasinye (ppm). limavanyo zomhlaba zangaphambili mazithelekiswe novavanyo oluza kwensiwa ngo Agasti kulo nyaka ziphinde zithelekiswe nezondlo ezithathwe kwisivuno esisiso. Oku kungajongwa kulo papasho 'Fertilizer Handbook' (ISBN 0-909071-86-1), olukhankanywe kwamanye amanqaku.

Ukuba ubunonyaka omhle ngokwasemalini, kungaluncedo ukufaka ikalika ukwenzela ixesa elizayo kwimihlabu ethile ukuba okoyimfuneko nokulungisa imeko yephosphate xa iphantsi kakhulu.

ISIPHELO

Sebenzisa iingxelo zakho neengqwalaselio zakho zolawulo lwezityalo malunga neentsileo zezondlo nokuchuma komhlaba nokuchuma komhlaba ukuze uphucule amanqanaba okusetyenziswa kwezichumiso kwixeshwa elizayo ukwenzela izivuno ezizezona ziphezulu.



UKUBIYELA

– ziqhelanise noncedo olunokufumaneka kuko

UKUBIYELA SEKUSETYENZISWE KWIINKULUNGWANE ZEMINYAKA NGEENJONGO EZAHLUKA-HLUKENEYO FUTHI NGEENDLELA EZAHLUKA-HLUKENEYO. MANDULO PHAMBI KOKUBA KUBEKHO UCINGO ABANTU BEBEGXUMEKA IINDONGA ZAMATYE, IIHEJI KUNYE NEZIBIYELI ZAMAPLANGA KUDE KWEMBIWE NEMISELE. AMABHOTWE EBEJIKELEZWA NANGOMNGXUMA ONZULU OBIYELA YONKE IMPAHLA ELAPHO IZE IZALISWE NGAMANZI UKUZE NAZIPHI NA IINDWENDWE EZINGAFUNEKIYO ZIGCINWE NGAPHAYA KWAYO.

Xa siqwalasela ukuya emva kakhulu kwimbali yethu, bekusoloko kukho isidingo sokubiyla ngendlela ethile ukuze kusikwe imida, ngenjongo yokukhusela izityalo nomzi onokungenelwa ngabantu abangafunekyo nasebuseleni ngokunjalo nakulawulo lokutyisa imfuyo. Kusenjalo nanamhla futhi oko kwensiwa ngenjongo efanelekileyo. Imigaqo yethu yokusebenza nezinto zkusebenza zitshintshile, kodwa izizathu zokusika le mida zisafana.

IZINTO ZOKUSEBENZA NEMIGAQO YOKUSEBENZA

Kumaxesha anamhla sisebenzisa ucingo neentsimbi kuba kwenzeka ngokukhawuleza kwaye kulula ukuzigxumeka, kanti nezinto zokusebenza zihlala zikhona. Inkoliso yeefama ibiyelwe ngeengcingo ezhilabayo ezomeleleyo zemicu emihlanu okanye emithandathu kanti nangezibiyeli zeentsimbi ezineentsika ezixixhasayo.

Ezikoneni kubakho izakhiwo zeplanga okanye zentsimbi ezinika ucingo inkxaso engagungqyo. Abalimi baphinda bahlula-hlule amacandelo ngaphakathi ngemicu emine okanye emihlanu ukwenzela umhlaba we-mfuyo nowokulima. Ezinye iifama ezithile ezityisa imfuyo kakhulu zisebenzisa izibiyeli zombane ukuze kulawuleke amadlelo okutyisa impahla, oku kwenziwa ngomcu omnye wocingo lventsimbi okanye umou wocingo olusbungxowa oludityaniswe kvisiniki-mandla. lifama ezishishina ngeegusha neny impahla encinane ephilayo zikhola ukwenza isibiyeli esiphothanisewyo kunokusebenzisa ucingo oluhabayo ngelinge lokuthintela amarhamncwa ekutyhobozeni.

IMISEBENZI

Ukusikwa kwemida yangaphakathi ngocingo oluhabayo kwenzelwa ubukhulu becalo ukuthintela imfuyo etya ingca ukuze ingafikeleli kwizityalo. Ukytisa impahla ngokugqithisileyo yingxaki enkulu eMzantsi Afrika kwaye xa kunokulawulwa inqanaba leendlala etyiswa ngayo impahla, umlimi unokuphumza amacandelo athile efama kumaxesha ngamaxesa. Ngo-kwenza la macandelo okanye ‘iikampu’ abalimi basenakho ukulawula indlela yokutyisa impahla ukuze balondoloze ingca ukwenzela iinyanga zasebusika.

Malunga nokulinywa kwezityalo abalimi bakhola ukwenza amalinge okuthintela imfuyo ukuba ingangeni emasimini abo. linkomo, ngakumbi zona, zingenza umonakalo omkhulukazi xa zinokungena emasimini ngokuxusha izityalo ngamanqina futhi xa zihamba entsimini zaphula izikhondo. Oku kubangela ilahleko ezinkulu xa sekufika ixesha lokuvuna. Kubaluleke ngokugqithisileyo ukuhlola imeko yezibiyeli ekuqaleni kwexesha lokulima nokuqinisekisa ukuba zigcineka kakuhle ukuthintela ezi ntlobo zomonakalo.

UGavin Mathews, Ingcali kuLawulo lokusingqongileyo. Thumela i-imayili apha gavmat@gmail.com



Kwiindawo ezesemaphandleni zaseMzantsi Afrika oku kusenokuba yenyeye zintza kakhulu ukulawuleka njengoko zinqabile iindawo ezibiyelwe ukuza zikhona. Kumaxesha amaninzi, xa kubiyelwe kuyatyhotyozwa okanye ucingo lubiwe ngokomcu ngexesha. Oku kuyatyafisa kwaye kusengomnye wemingeni eyiyona mikhulu abajongene nayo abalimi bezityalo ukuziphilisa kwezi ndawo.

Abalimi benza imizamo emikhulu yokulima isityalo esilungileyo kodwa xa kufikwa kwixesha lokuvuna kusuka kuze iinkomo emasimini zenze umonakalo omkhulu. Endakufumanisa ngoko ndandisebenza njengomcebisi emaphandleni KwaZulu-Natal kukuba abalimi bebeqalis ukuvuna umbona wabo kwangoko phambi kokuba wome ngokupheleleyo ukuzama ukuthintela umonakalo onokwenziwa ziinkomo. Oku kusuka kudale ingxaki entsha yokubola nokungunda kweenkozo ngokunjalo nelahleko enkulu ebangela bubunzima beenkozo. Oku ngumngeni omkhulu, kodwa unakho ukoyiswa, kananjalo ndifumanise ukuba abalimi abasebenze ngokuzinikela nabenze umzamo notyalomali bebenezipumo ezhile ngexesha lokuvuna.

IINDLEKO ZOKUBIYELA

Njengomlimi ufanele ukuthelekisa iindleko zokubiyela nenozo onokuyifuma-na. Ukuqala phantsi ukubiyela ngesibiyeli esitsa kunganeendleko eziphe-zulu. Ngobude be-1 000 m okanye i-1 km becingo elihlabayo ungalindela ukuhlawula ngapezu kwe-R10 000. Oku kunokubangela inkxalabo njengoko kulutyalomali ngoku oluhleli lungakhuselekanga phaya entsimini. Nangona kunjalo, zikhona iindlela zokuphungula ezi ndleko kodwa iintsimi zakho zibe zisakhuselekile. Unakho ukufumana ucingo olukhe lwasesyenziswa; kanti ungazisikela neendawo ezifuna ukusikwa nezixhasi. Nokuba aluluhlanga oko akunamsebenzi; lufanele ukwenza umsebenzi rje kuphela.

Ukuba wenza ilinge lokugxumeka uhlubo oluthile lokusika umda ubiyele izityalo zakho, ngokuqinisekileyo uya kuvuna iinzuso ngexesha lokuvuna. Ukuba umbona wakho uvuthwe kakuhle uya kuba nobunzima obuthe kratya, umngcipheko onokuba kuwo wokubola nokungunda kweenkozo uyancipha, kwaye uya kuba nakho ukusebenzisa iindiza zakho ekondleni izilwanyana zakho emva kokuvuna.

Akukho sibiyeli sisebenza kakuhle kangange 100% ngalo lonke ixesha. Sesihambe ibanga elide ekwenzeni ukuba izinto esisebenza ngazo zifumanek, nangona kunjalo, yonke into ifuna ukugqalwa nokulondolozwa. Nantoni na elondolozwayo iqhuba ithuba elide isebezena. Wenze umzamo wokuchitha ixesha entsimini yakho, lungisa iingcingo ukuze uvune iinzuso ngexesha lokuvuna. Utalomalii oluncinane olunye lunakho ukukhusela utalomalii lwakho olukhulu olulukhoso olusemhlabeni. ■

Kulindeleke isivuno esihle sombona

XESHA LOKULIMA LANGO-2019 BELIXHALABISA KULUNTU OLWENZA UMSEBENZI WASEFAMA, IMBALELA IBHUQA KUMAPHONDO AMANINZI IGCINA UMSEBENZI WOKULIMA UNGENAKUQINISEKISWA. IXESHA ELITSHA LOKULIMA LIQALE KWIMEKO ENOKUKHANYA APHO IZITYALO KWIINDAWO EZISENTSHONA ZIBUKEKA ZILUNGILE NGOKUBANZI, KANTI IIMEKO ZEZITYALO NGASEMPUMA YELIZWE ZAHLUKA UKUSUSELA KWEZIXHALABISAYO UKUYA KWEZINCOMEKAYO, EZINYE IINDAWO BEZICHTSHAZELWE ZIIMBALELA EZINEFUTHE ELIBI KWIZITYALO.

Ngokwengxelo yeKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo, imveliso yombona ilindeleke ukuba ibe ziitoni ezizigidi ezingama-14,809, ezinguchatha omalunga ne 1,71% ngaphezu koqikelelo Iwangaphambili Iweetoni ezizigidi ezingama-14,560, nesivuno esilindelekileyo seetoni ezi-5,67 ngehektare.

Kulindeleke izandiso ezikhulu kumaphondo angundoqo emveliso uMntla Ntshona, iFree State neMpumalanga, apho kulindeleke ama 83% esityalo sombona.

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqoshokuLimo, eGrain SA. Thumela i-imeyili apha Ikageng@grainsa.co.za



Kuqikelelo lwemveliso, umbona omhlophe ulindeleke ukuba ubo ziitoni ezizigidi ezingama-8,523 ngesivuno seetoni ezi-5,27 ngehektare, kanti malunga nombona otyheli uqikelelo lwemveliso ziitoni ezizigidi ezingama-6,286 ngesivuno seetoni ezi-6,32 ngehektare. Oku kukhokelela kulwandiso lwama-31% lwemveliso xa kuthelekiswa nexesha lokulima langaphambili. Kulindeleke izandiso ezikhulu kumaphondo angundoqo emveliso uMntla Ntshona, iFree State neMpumalanga, apho kulindeleke ama 83% esityalo sombona.

1 Intengiso nentengo yombona.

Intengiso	2019/2020	2020/2021
	litoni	litoni
Impahla ekuvulwe ngayo	2 663 086	1 082 643
Esiwa ngabalimi	10 761 000	14 229 350
Ethengwa ngaphandle	545 000	80 000
Esiwa kwangoko	15 057	0
lntshiyekela	22 000	24 000
Intengiso iphelele	14 006 143	15 415 993
Intengo		
Intengo yelizwe	11 178 500	11 464 000
Ethengiswa ngaphandle	1 745 000	2 560 000
• lntveliso	355 000	350 000
• Umbona opheleleyo	1 390 000	2 210 000
Intengo iphelele	12 923 500	14 024 000
Impahla ekuvalwa ngayo (ngama-30 kuEpreli)	1 082 643	1 391 993

Umthombo weenkukacha: Grain SA, NAMC, 2020
*linkukacha ezigcinwe njengakuma-31 kuMatshi ngo-2020

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087

Lynnwood Ridge

0040

■ 08600 47246

■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8252

liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS

Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie

■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHULISO

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8283

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8252 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha

■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:


isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Kulindeleke isivuno esihle...


1

Amaxabiso ombona omhlopho aseUSA osiwe eRandfontein.



2

Amaxabiso ombona otyheli aseUSA osiwe eRandfontein.



INTENGISO NENTENGO

Itheyibhile 1 ibonisa intengiso nentengo yombona, impahlala ekuvulwe ngayo ngo-2020/2021 inganeno malunga nama 60% kunejexesha lokulima langaphambili, ubukhulu becalala ngenxa yembalela ebangele imveliso eyehlileyo ngo-2019. Intengo yalapha kulindeleke ukuba ibe ziitoni ezi-11 178 500, oko kuquka umbona oguqu-guqulelwive ukusetyenziswa ngabantu, ukusetyenziva zizilwanyana nokusilwa, ngokunjalo nolungelelwaniso lwako nakuphi ukurhoxa neemeko zonqongophalo.

Ukufakela kwintengo epheleleyo kukho isixa esithengiswa ngaphandle seetoni ezingama-350 000 seemveliso eziguqu-guqulwyeo kunye neetoni ezigizidi ezi-2 210 000 zombona opheleleyo oqikeleleka ukuba

uza kuthengiswa ngaphandle kwixesa lokuthengisa lango-2020/2021. Ekupheleni kwexesha lokulima lango-2020/2021 amaqondo empahla egcinweyo aqikelelwva kwittoni ezisigidi esi-1 391 993, apho umyinge wesixa esiguqu-guqulwayo siziitonizingama-938 875 ngenyanga, nesiya kuqhuba ilizwe kwinyanya enesiqingatha.

AMAXABISO OMBONA

Amaxabiso ombona njengoko eboniswe kwiGraph 1 nakwi-Graph 2 aqhuba ngo-kwendlela alindeleke ngayo, apho umbona omhlopho notyhelu ukwinqanaba lokuthengisa ngaphandle ngolingano: oku kwalatha ukulindeleka kwesityalo esihle selizwe, kungako ukwaneleka ukusetyenziswa nokutengiswa ngaphandle.



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST